

# ISIFUNDO:IDRAMA (BUZANI KUBAWO)

Yintoni idrama?

- Uhlobo loncwadi olubhalwe ngenjongo yokubonisa okulinganiswa eqongeni.
- Abalinganiswa bayazithethela, besebenzisa intetho-ngqo.
- Intshukumo idalwa ngabo, ze ifakwe kwizibiyeli.
- Inencoko phakathi kwabalinganiswa, eye idale ingxoxo.
- Umongo nomxholo.

# AMANQANABA ESAKHIWO SEDRAMA

- Isakhiwo sedrama lucwangciso lweziganeko ezibalulekileyo ezenzeka ebalini ezithi zibe noonobangela neziphumo.
- Ezi ziganeko kufuneka zithungelane ngendlela ephuhlisa umxholo.
- Kwesi sakhiwo kufuneka kukho abalinganiswa abaxambulisana ngombandela othile odala ukungavisisani.
- Izinto ezenziwa ngaba balinganiswa, indlela abathetha, abacinga nabavakalelwa ngayo zinefuthe elibalulekileyo kwisakhiwo sebali.
- Sima ngolu hlobo:
  1. INGABULA-ZIGCAWU
  2. UKUYONDELELANA KWEZINTO
  3. UVUTHONDABA
  4. UKUSONJULULWA KWEZINTO
  5. ISIPHELO

# INGABULA-ZIGCAWU

- Kulapho kuqala khona ibali
- Kuvezwa abalinganiswa abaphambili
- Kuvezwa isimo sentlalo
- Kutyalwa imbewu yempixano
- Uthiwa ntlo ngomxholo webali

# Umzekelo

- Kuvulwa nje sixeletwa ngelali yaseZazulwana, umtshato wakwaNgoqo uqhubeka eMgagasi, apha asuka khona uMagaba
- Sidibana noNozipho eqhunyiselwa ngumsi, into echaza isimo sentlalo
- Sivezelwa abalinganiswa abaphambili: kwincoko kaMagaba noNozipho engomtshato kuvela igama likaGugulethu nomba wokuzeka kwakhe. Igama likaThobeka liyavela, apha anconywa ukufaneleka nokuthobeka kwakhe nguMagaba. Kukwavela negama likaNomampondomise
- Ukutyalwa kwezithole zempixano kuvela xa uZwilakhe noMagaba bexeleta uGugulethu ngokuba kufuneka ezekile. Le nto ingqamana nokuvunywa kukaGugulethu nguNomampondomise.
- Incoko ingomtshato

# UKUYONDELELANA KWEZINTO

- Lelona liba lide ebalini
- Kubakho isiganeko esiza nengxaki
- Kulapho kukhula izithole zempixano
- Undoqo webali ukweli nqanaba
- Kubakho ixhala elidalwa kukuzicingela okunokwenzeka
- Iyakhula impixano
- Abalinganiswa bayohlulelana (Amacala amabini)
- Izimo zabalinganiswa zivela elubala
- Iziganeko ziya zikhula

# Umzekelo

- UGugulethu uxelela abazali bakhe ukuba ikhona intombi ayibonileyo
- Abazali bona bamxelela ngentombi kaMcothama
- UGugulethu sele enze isithembiso somtshato esingqingqwa noNomampondomise
- Kwelakhe icala uMagaba ufuno intombi kaMcothama nokuba kumnyama entla: "**Mna zinkosi andikhathali nokuba umntu uchasa ade alale ngomqolo phantsi, ndifuna intombi kaMcothama ize kurhuqa amajalimani kule nkundla nokuba nokuba sekumnyam'entla. Andazi ke ukuba kukho umntu ongalawulwa ade alawulwe nangendlu yakhe.**"
- UZwilakhe ukhonkxwa sisithembiso asenze kuMagaba: "**Hayi Gabakazi, seyikukubuza nje, yena umfana uza kuzeka intombi kaMcothama. Loo nto ndiza kuyimela, andikhathali nokuba umntu sele esithini. Ukuba ndithe uza kuzeka intombi ethandwa ndim, uza kwenza loo nto ke.**"
- UZwilakhe uyimela le nto sele ekwingxoxo nabaninawe bakhe
- UThobeka uyendiswa
- UNomampondomise ukhupha iinkomo zikaMcunukelwa

# UVUTHONDBA

- Kweli nqanaba kusencochoyini yebali
- Akukho kubuya ngamva, omabini amacala azijule ijacu.
- Impixano ayisenokuba ngaphezu koku
- Umlinganiswa ophambili kufuneka ethabathe isigqibo, sigqibo eso esinokwenza inguqu.

# Umzekelo

- UGugulethu akafuni kuthatha izifungo emtshatweni
- UZwilakhe ubhala ngokwakhe endaweni kaGugulethu
- Umtshato uqhutywa ngendlela engaqhelekanga

# UKUSONJULULWA KWEZINTO

- Sisiphumo sokugqibela sebali
- Indlela impixano esonjululwa ngayo
- Kuziwa nesisombululo nokuba nokuba sineziphumo ezikrakra komnye wabalinganiswa abaphambili
- Linqanaba lokukhululwa kwamaqhina
- Izenzo ziguqukela ngakumlinganiswa oyintloko/ ophambili okanye ngakumchasi wakhe

# Umzekelo

- Emva kokuba ebone kwiphephandaba ngomtshato kaGugulethu, uNomampondomise umangalela uGugugulethu, aze emva koko aye kuzibulala ngokuzeyelisela emlanjeni.
- Umama kaNomampondomise uyawa abhubhe
- UGugulethu uyazila, afulathele ikhaya (iminyaka eli-12)
- UZwilakhe uthumela uThobeka nabantwana bakhe (aba-3) kuGugulethu
- UGugulethu ubulala uThobeka nabantwana bakhe
- UGugulethu uya kuzinikezela emapoliseni

# ISIPHELO

- Owoyisakeleyo ucaca nakuthathatha
- Kulungiswa imbangi yembambano (Kucaca isiphelo sempixano)
- Umlinganiswa oyintloko uzibona le nto ayiyo
- Kubakho isiphelo esiyintlekele okanye esiyolisayo
- Kuvela eyona njongo yokubhalwa kwedrama

# Umzekelo

- UZwilakhe woyisakele
- Ijaji iwisa isigwebo sokuxhonywa kukaGugulethu
- UZwilakhe uyazisola , ucela ukuba kuxhonywe yena endaweni kaGugulethu.
- UMagaba usela ityhefu, afe
- Kupuhla injongo yokubhalwa kwale drama: kuvezwa ubungozi bokunyaneliswa kwesiko eliphelelwe lixesha. Kufa abantu abangenatyala ngenxa yolu nyaneliso.